Isalathiso: 20210526-3348
Inombolo yefayili: 13/1/1
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0007/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Inkqubo yokuprekthizela uviwo yamaBakala 10-12**

1. Ngenxa yenkqubo yokubolekisana kweeklasi (*rotation of classes*) kwizikolo ezininzi, kuchaphazeleka kakubi abafundi kuwo onke amabakala kwezi zikolo kukuphulukana nexesha lokudibana nabafundi lokufunda novavanyo.

2. IziCwangciso zokuFundisa zaqho ngoNyaka (*Annual Teaching Plans*) (*ATPs*) neProgram yoVavanyo (Programme of Assessment) (POA)) ziyalulungiselela ulawulo lweemviwo kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests*) ukulungiselela uvavanyo lwaphakathi enyakeni lwamaBakala 10 no-11. Ulawulo lweemviwo kumsebenzi osele ufundisiwe lunyanzelekile kuba luvumela ukuqhubeka kokufundisa nokufunda.

3. Iinqununu ezininzi zivakalise inkxalabo yazo ngokungabikho kwenkqubo yokuprekhtizela uviwo kubafundi.

4. Yinyaniso eseyiqaphelekile ukuba ukunqongophala kwenkqubo yokuprekthizela uviwo kunesiphumo esibi kumalungiselelo afanelekileyo abafundi, kwinkqubo yokuprekthizela uviwo nakwindlela abaqhuba ngayo abafundi.

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni ngaloo ndlela linoluvo lokuba izikolo zifanele ukulungiselela iprogram yokuprekhtizela uviwo efanelekileyo kwiimeko zezikolo zabo kubafundi bamaBakala 10 no-11.

5.1 Isikolo sinokuqhuba iimviwo kwiKota 2 ukwenzela ukuba abafundi kumaBakala 10 no-11 baprekhtizele uviwo, ngokuxhomekeke ekubeni ukubhalwa koviwo olo akuphazamisani nexesha lokufundisa. Iinqununu nootitshala banokusebenzisa ingqiqo yabo ekukhethweni kwezifundo.

5.2 Apho izikolo zinqwenela ukulungelelanisa ifomathi yeemviwo kumsebenzi osele ufundisiwe kumaBakala 10 no-11, ukubonelela ngeprogram yokuprekhtizela uviwo, ukwabiwa komlinganiselo wamanqaku oviwo kwisifundo makufane nokwabiwa komlinganiselo wamanqaku anikwa iimviwo kumsebenzi osele ufundisiwe.

5.3 Makucelwe imvume yokubhalisa uviwo kuMlawuli weSithili; kunikwe isizathu esixhasa oku esifanelekileyo, yaye makuqinisekiswe ukusetyenziswa kwexesha lokufundisa kangangoko kunako.

6. Ukuba isikolo sinqwenela ukubhalisa uviwo lwaphakathi enyakeni kubafundi beBakala 12, iziphumo zolo viwo azinakuba yinxalenye yamanqaku oVavanyo oluQhubekela eSikolweni (*School-based Assessment marks*) njengoko ii-ATP ne-*POA* zingenzanga malungiselelo aphakathi enyakeni kwiBakala 12.

7. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abafundi, ootitshala, nabazali babafundi bamaBakala 10-12.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2021-05-31